# Yiba yinxalenye yekamva loMzantsi Afrika!

# Sebenzisani Iilwimi Zenu

Benisazi na ukuba lilungelo likawonkewonke ukuthetha Iilwimi zethu zeenkobe?



## Ungayiphosi

Zonke iilwimi esizithethayo zibalulekile ekuphuhliseni ikamva lethu, kuquka ubuhlobo bethu, iintsapho zethu, imisebenzi yethu, iingqondo zethu nempilo yethu! Ngoko ke masingaphulukani neelwimi esizithethayo emakhaya. Ngenye imini sakuzidinga ebomini ukuba senza njalo!

## Iilwimi zeenkobe zibalulekile

Iilwimi zeenkobe zidlala indima ebalulekileyo ebomini bethu, ayilophawu nje lokuba sinobunini kulo koko lelobutyebi bokuyila, amandla empilo yengqondo nekamva ngokomsebenzi.



## Zifumanele umsebenzi oncomekayo

Abantu abathetha iilwimi zesiNtu banendima ebalulekileyo ekumele bayidlale kwixesha elizayo. Ukuthetha iilwimi zesiNtu kuveza amathuba amaninzi emisebenzi, kushishino, kubugcisa nobuntatheli, njalo njalo!



Zisebenzise #Iilwimi zesiNtu

BAQONDE
Learn in Your Language

Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union

# Yiba yinxalenye yekamva loMzantsi Afrika!

# Ubusazi na?

Benisazi na ukuba lilungelo likawonkewonke ukuthetha Iilwimi zethu zeenkobe?



## Iilwimi ezininzi

EMzantsi Afrika sineelwimi ezisemthethweni ezilishumi elinesibini (12), ezisithoba (9) kuzo ziilwimi zesiNtu, phofu zingamashumi amathathu (30). Ulwimi olusemthethweni olusandula ukongezwa lulwimi lwezandla.

## Izintlu zeelwimi/Amaqela eelwimi

Iingcali zolwimi zihlela iilwimi ngokwezintlu (ngokwamaqela) khon'ukuze zenze uphando kuzo. EMzantsi Afrika zimbini izintlu zolwimi ezibalulekileyo:

**Iilwimi zesiNguni nesiTsonga**
(isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, siSwati, siXitshonga)
kunye

**Neelwimi zesiSuthu, iMakua, nesiVenda**
(isiSuthu, isiSuthu saseLeboa, isiTswane, isiVenda)



Lusebenzise ukuba akufuni kuphulukana nalo!
#Iilwimi zesiNtu

## Iilwimi ezisecicini lokutshabalala

Kulusizi ukuba ezinye iilwimi ezazikade zithethwa eMzantsi Afrika ziye zayeka ukusetyenziswa, ezo zaziyinxalenye yeelwimi zabaThwa. Masiqinisekise ukuba zonke iilwimi ziqhubeka zisetyenziswa!

BAQONDE
Learn in Your Language

Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union

# Yiba yinxalenye yekamva loMzantsi Afrika!

## Ubusazi na?

Benisazi na ukuba lilungelo likawonkewonke ukuthetha iilwimi zethu zeenkobe?



## Iiwimi zibalulekile

Kuyinto enexabiso ukuthetha iilwimi ezahlukeneyo, zithi zenze ukuba ube namathuba okuba nomsebenzi ongcono kwanomvuzo oncumisayo. Oku kuquka ulwimi lwesiNtu.

## Ulwimi neziBalo

Ukusebenzisa zonke iilwimi esizithethayo ezimbini nangaphezulu - kunxulunyaniswa nokuba nesakhono esingcono sokwazi izibalo kwanenqanaba eliphezulu lokuyila. Ngoko ke sukuyeka ukuthetha iilwimi zabazali bakho okanye zookhokho. Zisebenzise ulungiselele ikamva lakho.

## Ingqondo yakho

Ubusazi ukuba ngokukwazi ukuthetha iilwimi ezimbini okanye nangaphezulu loo nto yenza ukuba ungakhawulezi ukuba nesifo sedamenshiya ebomini? Ukuthetha iilwimi ezahlukeneyo kuphucula ukusebenza kwengqondo.



Lusebenzise ukuba akufuni ukuphulukana nalo! #Iilwimi zesiNtu

BAQONDE Learn in Your Language

Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union

# Yiba yinxalenye yekamva loMzantsi Afrika

# Iilwimi zethu zesiNtu

Benisazi na ukuba lilungelo likawonkewonke ukuthetha iilwimi zethu zeenkobe?



## IKaaps

IKaaps lulwimi olulodwa oluthethwa kummandla weNtshona Koloni eMzantsi Afrika. Livele njengolwimi olutsha lusuka kwindibano yeelwimi zabaThwa neelwimi ezaseMntla Mpuma weEshiya, ezamaDatshi, ezesiPotshugisi, nezesiNgesi. Yinto encomekayo, akunjalo?

## Iilwimi zaseAfrika zifana zodwa

Iingcali zolwimi zithi iilwimi ezithethwa eMzantsi Afrika zifana zodwa.

## Ulwimi nenkcubeko

Iilwimi zesiNtu ziqulathe ulwazi olubalulekileyo kwanezinto zenkcubeko ezenziwayo, iinkolelo kwakunye nolwazi. Xa siphulukana neelwimi zethu, siphulukana nolwazi nobuni bethu kananjalo.



Lusebenzise ukuba akufuni ukuphulukana nalo! #Iilwimi zesiNtu

BAQONDE
Learn in Your Language

Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union

# Yiba yinxalenye yekamva loMzantsi Afrika!

# Iilwimi zethu zesiNtu

Benisazi na ukuba lilungelo likawonkewonke ukuthetha iilwimi zethu zeenkobe?



## Ulwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika

Ulwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika (SASL) olusetyenziswa ngabantu abangevayo kakuhle eMzantsi Afrika, lolunye lweelwimi ezininzi ezahlukeneyo zezandla.

## Iilwimi zesiNguni

Iilwimi zesiNguni ziyinxalenye yeelwimi zesiNtu, ezinabantu abaninzi, kuquka isiXhosa, isiNdebele kunye nesiSwati.

Ezi lwimi ziphawuleka kwezinye ngokuba neziqhakancu. Ezi ziqhakancu zabakho kudala ngenxa yokudibana kwabantu abathetha isiNguni kunye nabathetha iilwimi zabaThwa. Ulwimi luthi luthsintshe ngenxa yokudibana kwabantu.

## Indlela yokusetyenziswa kolwimi iyatshintsha

Iiwimi zihlala zitshintsha ngalo lonke ixesha xa abantu abathetha iilwimi ezahlukeneyo bedibana. Ngenxa yezizathu kwaneemeko ezahlukeneyo, abantu bathi bemana betshintsha iilwimi bathethe ezinye bazithethe bezixuba iilwimi zabo. Yinto nje eqhelekileyo neyinxalenye yobomi babantu.



Lusebenzise ukuba akufuni ukuphulukana nalo! #Iilwimi zesiNtu

BAQONDE
Learn in Your Language
Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union



Zoba umfanekiso obonisa ukusetyenziswa kolwimi ngokuthi ufake imibala-bala kulo mfanekiso ubonise zonke iilwimi ezibalulekileyo kuwe. Ungakhetha imibala ebonisa iilwimi ezahlukeneyo ozithethayo, usebenzise amalungu omzimba (afana nentloko, intliziyo, izandla, iinyawo) ukubonisa izinto ezahlukeneyo malunga neelwimi ozithethayo

Iguqulelwe esiXhoseni nguSomikazi Mlonyeni noThembisa Kosi

BAQONDE
Learn in Your Language

Co-funded by the Erasmus+ Programme of the European Union

# (Qash-qash) Yinyani okanye bubuxoki?

1. UMzantsi Afrika kungokunje uneelwimi ezisemthethweni ezilishumi elinesibini — yinyani / bubuxoki
2. Ulwimi loMzantsi Afrika lwezandla alukho semthethweni — yinyani / bubuxoki
3. Iilwimi ezisemthethweni ziquka iilwimi zesiNtu ezintlanu — yinyani / bubuxoki
4. Ezinye iilwimi eMzantsi Afrika azisasetyenziswa — yinyani / bubuxoki
5. Zingamashumi amabini iilwimi ezisetyenziswayo eMzantsi Afrika — yinyani / bubuxoki